



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2014**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1  
MEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

---

Le memorandam inamaphepha asi – 7.

---

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****QAPHELA**

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo- EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhooywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebenzise IsiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

**UMBUZO 1**

- |     |                                                                                    |     |
|-----|------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 1.1 | Wayesebenza eRichmond.√                                                            | (1) |
| 1.2 | Umntu onxiba kakuhle aqwele ngokufaneleka √√/ Inene elinxiba kakuhle lifaneleke √√ | (2) |
| 1.3 | Utitshalakazi wayemsizela √/waba nosizi. √                                         | (1) |
| 1.4 | Wayenomvandedwa ongasuswa nabutywala. √                                            | (1) |
| 1.5 | Kukuvakala kwelizwi likaNomsa√/ Kukuva ilizwi likaNomsa limbuza ukuba uyaphi. √    | (1) |
| 1.6 | Bubuxoki. Amanzi amenza wabona umzimba kunye nesambatho sakhe sengxowa. √√         | (2) |
| 1.7 | Wamcela ukuba amdlaelele uhadi. √                                                  | (1) |
| 1.8 | Ukucuntsula kwinto yabantwana. √√                                                  | (2) |

- 1.9 Ngeenzame zakhe. ✓ (1)
- 1.10 Andikholelwa kuwo (Uluvo lomfundi lokuzixhasa olunomhluzi) ✓✓/  
Ndiyakholelwa kuwo (Uluvo olunomhluzi lokuzixhasa). ✓✓ (2)
- 1.11 Umona. ✓ (1)
- 1.12 Kulungile. Azixhase. ✓✓  
Akulunganga. Azixhase. ✓✓  
(Naluphi uluvo lomfundi olunomhluzi) (2)
- 1.13 Ozidlayo noziqhenyayo ngobufana bakhe✓/ngumfana ongalandeliyo  
nonyabileyo/ nomathileyo.✓(Naluphi uluvo lomfundi oluvakalayo) (1)
- 1.14 (a) kukulahlekelwa yinto obusel’usithi yeyakho. ✓✓ (2)
- 1.15 Ndingamncekelela de andivume✓✓/Ndingamyeka ndijonge ezinye  
iintombi.✓✓ (Naluphi uluvo lomfundi olunomhluzi) (2)
- 1.16 Umntu akayiyo le nto umbona ekhangeleka eyiyo ✓✓ /Umntu nokuba  
uyintoni akancanywa ✓✓/ yenza okuhle komnye umntu. ✓✓ (Nayiphi na  
impendulo yomfundi enomhluzi) (2)
- 1.17 Ziyafana ngokuba kuveliswe inene nenenekazi/ umfana nentombi. ✓  
Zohluka ngokuba kumfanekiso A konwatyawe kanti kumfanekiso B  
kubonakala ngathi kukho le nto bangavisisani ngayo. ✓ (2)
- 1.18 Ngulo wesibini kuba UThemba akavumelananga nesicelo sikaNongendi  
kwaye noNomsa akavisisananga noVelesazi. ✓✓ (2)
- 1.19 Kumfanekiso A ukuze bahlale ngokonwaba emva kokungavumi abo  
bebebefuna ukuba bathandane nabo ✓✓ okanye emva kokuba uNomsa  
encede uThemba waguquka walinene eliphangelayo nelithe layivuyela loo  
nto. ✓✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke:10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umvavanywa ezicaphule iingongoma:**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo: akafumani nqaku lolwimi
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo: Nika inqaku eli-1

### QAPHELA

- **Imo**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- ❖ **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kuma ekupheleni kwesivakalisi emva kokuphela kwenani eliqingqiweyo lamagama, ungawahoyi alandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

**UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA**

| <b>IINGONGOMA EZICATSHULWEYO</b>                                                                                                                                                                                                                                                                                                                     | <b>IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO</b>                                                                                       |
|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| USebastian Kingue usibalisela ngokuthengela uSiphindile Sibiya umsesane emva kweeveki ezimbini ethandana naye kodwa wawufihla kuba esoyika.                                                                                                                                                                                                          | USebastian wathengela uSiphindile umsesane beneeveki ezimbini bethandana waze wawugcina.                                   |
| Sadibana okokuqala ngoJanuwari ka-2011 eCenturion xa uSiphindile wayefika kwibandla leJehovah's Witnesses emva kokubuya kwakhe eJapan apho wayesenza izifundo zakhe, kodwa siqale ukuthandana ngoMeyi xa sobabini sasibhala iimviwo eUnisa. Isicelo somtshato sasingalindelekanga emva kweenyanga ezintandathu sithandana saqala sathetha ngengomso. | Badibana enkonzweni baze emva kweenyanga ezintandathu bethandana uSebastian wacela umtshato.                               |
| Ndandisoloko ndibuza uSiphindile ngenkcubeko yakowabo- kaloku yintombi yomZulu mna ndingowaseCameroon.                                                                                                                                                                                                                                               | USebastian ngumCameroon logama uSiphindile enguMzulu.                                                                      |
| Sasicinga ukuba abazali bakhe baza kundibiza imali enkulu kwaye nangona ndandingenamali ingako, ndandisazi ukuba ndiza kuziqongqotha ngokulobola uSiphindile.                                                                                                                                                                                        | Wayenexhala ngelobola awayeza kuyibizwa kuba engawazi amasiko amaZulu.                                                     |
| Ngenye imini mhla sasizama ukutshintsha ilayisenisi yam yokuqhuba yaseCameroon ukuba ibe yeyeli, sisehliswa sisenyuswa ndambona ukuba uyacaphuka. Ndaqaphela ukuba intlungu yam uyithatha njengeyakhe. Ukuzama ukumonwabisa, ndakhupha umsesane.                                                                                                     | USiphindile ulubonisile uthando kuSebastian xa wayenengxaki yelayisenisi yokuqhuba ze uSebastian walubuyekeza ngokumngeja. |
| Sabona iindawo eziliqela phambi kokukhetha i-Aviator Hotel eKempton Park. Umququzeleli wale ndawo wenza umsebenzi oncomekayo ukuzama ukwenza usuku lwethu lufane lodwa.                                                                                                                                                                              | Bawulungiselela umtshato eAviator Hotel neyabalasela ngamalungiselelo asemgangathweni ophezulu.                            |
| Emva koko siye santingela eKapa apho siye sayokuzonwabisa khona. Safika satendwa saphululwa nemizimba eFive Star SWI Luxury Guest Retreat. Sakhenketha iintsuku ezintathu eKapa kuquka nokuya kwintaba yetafile nokujikeleza elwandle ngesikhephe. Sabuya sidinwe siyimfe emva kolo tyelelo.                                                         | Emva komtshato baya konwaba eKapa babuya emva kweentsuku ezintathu bediniwe.                                               |

**NGOKOMHLATHI**

USebastian wathengela uSiphindile umsesane beneeveki ezimbini bethandana waze wawugcina. Badibana enkonzweni baze emva kweenyanga ezintandathu bethandana uSebastian wacela umtshato. USebastian ngumCameroon logama uSiphindile enguMzulu. Wayenexhala ngelobola awayeza kuyibizwa kuba engawazi amasiko amaZulu. USiphindile ulubonisile uthando lwakhe xa uSebastian wayenengxaki yelayisenisi yokuqhuba ze uSebastian walubuyekeza ngokumngeja. Bawulungiselela umtshato eAviator Hotel neyabalasela ngamalungiselelo asemgangathweni ophezulu. Emva komtshato baya konwaba eKapa babuya emva kweentsuku ezintathu bediniwe.

**ICANDELO C: ULWIMI****UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

- 3.1 Kuthengiswa i-Study Guides ✓ (1)
- 3.2 Abafundi ✓/ Ootitshala✓/Kubafundi nootitshala ✓ (Khetha enye kwezi) (1)
- 3.3 Ngokuyalezela ✓ (1)
- 3.4 (a) Ncedani! Yizani! Ngenani! ✓ (1)
- (b) Uthenga sibe sinye, uzizuzele ibhaso ngaphakathi./Uwabimbilize onke amanqaku ✓/Thina sikukhaphhelela kwikamva eliqaqambileyo. ✓ (1)
- (c) Sinazo i-Study Guides zeelwimi zonke✓/ ikwazezezifundo zonke zeli Phondo. ✓ (1)
- 3.5 Yima ✓ (1)
- 3.6 Uloba abathengi✓/utsala umdla wabathengi. ✓ (1)
- 3.7 Luluvo, kuba kuthiwa “Usengaphumelela eluviweni ugcoloda” usenga ubonisa ukungakuqinisekisi ngempumelelo ✓✓/ubonisa ukuthandabuza ✓✓/usenokungaphumeleli okanye usenokuphumelela. ✓✓ (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

- 4.1 Kubahlali bale dolophu √ / Kwiindwendwe ezisebenzisa le dolophu. √ (1)
- 4.2 Isimntwiso. √√ (2)
- 4.3 Lixeleku / lixumbululu/ lixixilili / lixaxavithi √ (Naliphi na eliza nomfundi elikwathetha oku kubuzwayo) (1)
- 4.4 Ucoceko/ubunono.√ (1)
- 4.5 Ungazihluphi wena ndililahla ngabom. √√ (2)
- 4.6 Ukungavumelani nesi senzo √√/ Ukuyala le nto yenzekayo √√/ Ukungahambisani noku √√/ ukukulandula oku kwenzekayo √√ (2)
- 4.7 Hayi aziyiphili, kuba kaloku ziyayithanda indawo emdaka nengcolileyo. √ (1)
- [10]**

**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

- 5.1 Ubuncinane ngesiqu √ (1)
- 5.2 Lisetyenziswe lakhokela/ landulela isibizo; Lilandelwa sisibizo √ (1)
- 5.3 Zazingeninzinga iincwadi zikaLindile. √ (1)
- 5.4 ULindile noFuneka bangcambaza kunye ukuya evenkileni kodwa akukho mntu wakhe wababuza nto. √√ (2)
- 5.5 Badlula eposini. √ (1)
- 5.6 Nkszn√ (1)
- 5.7 C Uhlobo lokuqhubeka √ (1)
- 5.8 Utata wosula umntwana intloko. √√ (Nasiphi na isivakalisi esibhalwe ngumfundi siveza iinjongosenzi ezimbini) (2)
- [10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**  
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**